Isifundo 7

**Agasti 8–14*

Ukwabelana NgeLizwi

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Nd. 119:105, Jer. 23:29, Heb. 1:1–3, 2 Tim. 3:14–17, 1 Yohane 1:7–9, Ints. 3:1, 2 Tim. 4:2.

Indima Yenkumbulo:
"Liya kuba njalo ilizwi lam eliphuma emlonyeni wam; aliyi kubuyela kum lilambatha, lingakwenzanga endikuthandayo, lingakuphumelelisanga oko ndilithumela kuko" (Isaya 55:11).

Xa singqina, sithetha ngoYesu. Kanti yintoni esiyaziyo ngoYesu ngaphandle kweBhayibhile? Kakuhle, kungakanani esingakwazi ngembambano enkulu, uthando lukaThixo, ukuzalwa ukufa, ulungiselelo, uvuko, nokubuya kweNkosi yethu xa besingenazo? Nangona indalo ityila ubungangamsha namandla kaThixo, ayilityhili icebo losindiso. UYesu, ngesiqu sikaMoya Oyingcwele, "ulukhanyiso olubakhanyiselayo abantu bonke abeza ehlabathini" (Yohane 1:9, NKJV). Kanti ke, ngaphandle kweLizwi likaThixo ukuba licacise ngokupheleleyo inyaniso engcwele, intyilelo kaMoya Oyingcwele ezintliziyweni zethu inomda. ILizwi likaThixo elibhaliweyo liyintyilelo ecacileyo yaye iphelele kakhulu kuYesu, iLizwi eliPhilileyo.

Nangona iinkokeli zenkolo zalifundayo iLizwi likaThixo, ezininzi zasiphosa isigidimi salo esiphambili. Wathi uYesu: "Niyaziphengulula iziBhalo, ngokuba nina niba ninobomi obungunaphakade kuzo; zaye zona zingqina ngaM" (Yohane 5:39, NKJV). Xa iqondwa kakuhle, yonke imfundiso ibonakalalisa isimilo sikaYesu. Xa sithetha ngeLizwi likaThixo, umgomo ophambili kuthi asikuko ukubonisa ukuba sisendleleni nokuba omnye umntu uphume ecaleni; kukutyhila uYesu kwinkalo nganye yenyaniso esithetha ngayo.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 15.*

Imifuziselo YeLizwi LikaThixo

Funda: Ndumiso 119:105, Yeremiya 23:29, Luka 8:11, noMateyu 4:4. Yeyiphi imifuziselo emihlanu esetyenziswe ukuchaza iLizwi likaThixo kwezi ndawo? Ucinga ukuba kutheni ukuze le mifuziselo mihlanu ikhethwe ukuba imele iLizwi likaThixo?

Imifuziselo eyahlukeneyo esetyenziswe kwezi ndawo ichaza eminye yemisebenzi ephambili yeLizwi likaThixo. Xa sisabelana ngeziBhalo nabanye, kunje ngokukhanya okukhanyisa ubomi. UYesu, "ukhanyiso lwehlabathi, uphumela ngaphaya kobumnyama bengqiqo yabo ngokuba ungubani uThixo kwakunye nemo yesimilo saKhe. Iingqondo ezenziwe mnyama ngokumazi gwenxa uThixo zikhanyiselwa nguMoya Oyingcwele ngeLizwi LikaThixo.

NgokukaYeremiya, iLizwi likaThixo lifana nomlilo nesando. Lidla intlenga yesono ebomini bethu liqhekeze iintliziyo zethu ezilukhuni. Xa sinceda abantu ukuba babone esiBhalweni ubuqaqawuli bukaYesu, iintliziyo zabo ezilukhuni ziyaqhekeka, uze umlilo wothando lwaKhe udle intlenga yomona, ukubawa, inkanuko nokuzicingela. ILizwi likaThixo likwafaniswa nembewu. Uphawu oluyintloko lwembewu kukuba inika ubomi. Imbewu ithabatha ixesha ukukhula. Asiyiyo yonke imbewu entshula ngexesha elinye. Asizizo zonke izityalo ezikhula ngesantya esinye. Kunjalo, phantsi kweemeko ezilungileyo, ubomi obusembewini budubula emhlabeni bube nobomi obutsha. Xa sityala imbewu yeLizwi likaThixo ezintliziyweni nasezingqondweni zabanye, asisayi kusoloko sibona iziphumo ezikhawulezileyo, kodwa ngokuzola, imbewu iyakhula, kuze kuthi, ngelilelikaThixo ixesha, xa bephendula ekukhuthazweni nguMoya Oyingcwele, iveze isivuno sobukumkani bukaThixo.

UYesu ufanisa iLizwi laKhe nesonka esondlayo. Njengoko abaninzi kuthi besazi, zimbalwa izinto ezanelisa njengokutya umbhako wesonka. ILizwi likaThixo lanelisa indlala yomphefumlo londle iminqweno yethu yasemoyeni yangaphakathi. Xa usabelana ngamadinga eLizwi nabanye, ubanceda ukuba bafumane ukuba uYesu uliLizwi, ubomi babo buya kuguqulwa kukulunga kwaKhe, luthinjwe luthando lwaKhe, bumangaliswe lubabalo lwaKhe, buze baneliswe bubukho baKhe.

Kwakhona, cinga ngeenyaniso esizazi kuphela kuba ziseBhayibhileni. Kumele ukukuxelela ntoni oku ngokuba kungakanani esimele ukukuxabisa oko isifundisa kona?

Amandla adalayo ELizwi LikaThixo

Thelekisa umaHebhere 1:1–3, Hebhere 4:12, noNdumiso 33:6, 9. Zisixelela ntoni ezi ndawo ngamandla eLizwi likaThixo?

ILizwi likaThixo liLizwi eliphilileyo. Lihamba lithwele amandla okufeza izinto elizithethileyo. Amazwi abantu angathetha ngento ekhoyo, kodwa uThixo uthetha ngezinto ezingekenzeki aze azidale ngamandla elizwi laKhe. ILizwi likaThixo liLizwi elidalayo. ILizwi elivakalayo eliphuma emlonyeni waKhe linamandla okudala yonke into eliyivakalisayo. Ekudaleni ibali leGenesis 1, intetho ethi, "UThixo wathi" iphindaphindiwe ukusetyenziswa (Gen. 1:3, 6, 11, 14, 20, 24, 26, 29). Amazwi kaThixo avakalisayo ayenamandla kangangokuba xa ethetha, kwavela umhlaba owomileyo, izityalo zantshula, iintyatyambo zadubula, nezilwanyana zatsiba ukuphuma. Kukho igama elinomtsalane lesiHebhere elisetyenziswe kuGenesisi 1 ukuchaza isenzo sokudala sikaThixo. Ligama ubara. Kule meko iyodwa, lisetyenziswe kumsebenzi kaThixo wokudala into kwinto engekhoyo. Isenzi esisetyenziswe kuphela xa uThixo esisibizo esiyintloko. Oko kukuthi, kuphela nguThixo yedwa onokubara, kwaye ukwenza oko ngamandla elizwi laKhe elithethwayo.

NguThixo kuphela onokudala kweli hlabathi ngamandla elizwi laKhe, kodwa ukwaxhasa aphakamise ngelizwi laKhe. Kwawona la mandla aseLizwini likaThixo elithethwayo akho elizwini elibhaliweyo. KwaYena uMoya Oyingcwele lowo wayesebenza eNdalweni wayesebenza ukuphefumleleni isiBhalo. Ukho xa sifunda iBhayibhile okanye sisabelana ngayo nabanye. Kukho amandla anika ubomi, aguqula ubomi, adalayo eLizwini likaThixo. "Amandla okudala awathetha kwakho amazwe aselizwini likaThixo. Eli lizwi liyawanika amandla; lizala ubomi. Wonke umyalelo usisithembiso, esithi xa sivunyiwe ngengqondo, samkelelwa emphefumlweni, size siphethe ubomi baLowo ungenasiphelo. Liyayiguqula imvelo lidale ngokutsha umphefumlo ngokomfanekiselo kaThixo."—Ellen G. White, *Education*, p. 126. Xa siwamkelela kuthi ngokwethu amadinga afunyanywa eLizwini likaThixo, ubomi bethu buyaguqulwa, kuthi xa sinceda abanye ukuba bawabambe la madinga amangalisayo, uMoya Oyingcwele abuguqule nabo ubomi babo.

Yiba nombono: UThixo wathetha kwakho. Singayibamba njani into ethethwa koku? Busixelela ntoni obu bunyaniso bumangalisayo ngamandla waKhe? Sizathu sini esenza ukuba le nyaniso idalayo kaThixo ibe iyonwabisa kuthi?

Intsikelelo Yokufunda ILizwi LikaThixo

Zinizi iintsikelelo zokufunda iLizwi likaThixo. Umpostile uPetros usixelela ukuba, ngamadinga esiBhalo, siba "ngamadlelane ngemvelo yobuThixo" (2 Pet. 1:4). UYakobi uthetha "ngelizwi elimiselweyo kuni, elinako ukuyisindisa imiphefumlo yenu" (Yakobi 1:21). UPawulos wongeza athi, "[ilizwi] lobabalo lwakhe, onako ukunakha, aninike ilifa phakathi kwabo bonke abangcwalisiweyo" (IZenzo 20:32). IBhayibhile inenjongo yokuhlangula. Xa simona uYesu kuso sonke isiBhalo, siyaguquka. Ngokumbona elizwini laKhe, sifana naYe (2 Kor. 3:18). "Kungumthetho wezinto ezimbini - imvelo yengqondo nemvelo yasemoyeni - ukuba ngokukhangela siyaguquka. Ingqondo iye iziqhelanise nezinto ethi ivunyelwe ukuba ihlale icamngca ngazo."—Ellen G. White, *Imbambano Enkulu*, p. 555.

Funda: 2 Timoti 3:14–17 noYohane 17:14–17. Zeziphi iintsikelelo ezongezekileyo ezifumaneka ngokufunda iLizwi likaThixo?

_____

_____

_____

Ebhalela iqabane lakhe elise lula uTimoti, umpostile uPawulos umkhuthaza ukuba athembeke esiBhalweni nokwabelana ngeentsikelelo zokulifunda iLizwi eliphefumlelweyo. NgokukaPawulos, iBhayibhile "ilungele ukufundisa." Ityhila inyaniso, iveze imposiso. Yandlala icebo likaThixo ngohlanga loluntu. Ikhalimela izono zethu, ilungise iingcinga zethu eziphum' ecaleni. IziBhalo zityhila ubulungisa bukaKristu. Zisikhupha kubuyatha bemeko yethu yesono zisise kubuhle bobulungisa baKhe. Xa sibona uthando lukaYesu olungafuni okukokwalo luchasene nokubawa kwethu, sima sikhwankqisiwe. Xa sibona esiBhalweni ubunzulu bemfesane nokukhathala kwaKhe, ubomi bethu buyaguquka. Xa sisabelana ngeLizwi laKhe nabanye, sifana ngakumbi naYe. Ukungqina akukho ngokwabelana ngoko sikucingayo okanye noko sikukholelwayo. Kungokwabelana ngeenyaniso ezingunaphakade ezifunyanwa eLizwini likaThixo. Xa iLizwi likaThixo lithe labusikelela ubomi bethu ngendlela ekunzima ukuyikholelwa, sinokukholeleka kokuxelela abanye ngendlela elinokusikelela nobabo ubomi.

Cinga ngexesha lobunzima owakha wena ngokwakho wajongana nalo nendlela iLizwi likaThixo elaba ngamandla kuwe. Yintoni owayifundayo kuloo mava?

_____

Ukusebenzisa ILizwi LikaThixo

Omnye uye wabala ngaphezulu kwamawaka amathathu amadinga eLizwini likaThixo. Lilinye kula madinga liphuma entliziyweni kaThixo enothando “onako ukwenza okungaphezu kweento zonke ngokugqithiseleyo kakhulu, ngaphezu kwesikucelayo nesinokukuqiqa, ngokokwamandla asebenzayo ngaphakathi kwethu” (Efese 3:20). Amadinga kaThixo akukuzinikela akwenza kuthi ngabanye. Xa siwabanga la madinga ngokholo size sibafundise abanye abantu ukuwabanga, iintsikelelo zezulu zimpompozela ebomini bethu. Umpostile uPawulos uyabucinezela obu bunyaniso bobuThixo kumaRoma 8: “Lowo, gxebe, ungamchonganga owakhe unyana, wesuka wamnikela ngenxa yethu sonke, angathini na ukuba angasibabali ngazo zonke ezo zinto ndawonye naye?” (Roma 8:32). Umpostile uPetros ucacisa eli dinga, xa athi “amandla akhe uThixo asiphile zonke izinto ezisingise ebomini nasekuhloneleni uThixo” (2 Pet. 1:3). Ngokufa kukaKristu emnqamlezweni, noloyiso lwaKhe phezu kukaSathana neziphatha mandla zamagunya esihogo, ubonise [uThixo] yonke into efunekayo kuthi ukuba siphile ngokuhlonela uThixo, ubomi basemoyeni. Ukwathembise ukusinika inkxaso ngakwiintswelo zethu zasenyameni nezasemoyeni.

Thelekisa u-1 Yohane 1:7–9 noFilipu 4:13, 19. Nangona ezi zithembiso zahluke kakhulu, yintoni eziyifundisa thina ngesimilo sikaThixo? Ziye zanegalelo elithini ebomini bakho ezi zithembiso?

Izithembiso esifunde ngazo kwezi ndawo iseso sithetha into eyahlukileyo, kodwa umfanekiso kaThixo ezisinika wona ufana kakhulu. Ziveza uThixo oxolela ngothando, omandla angenasiphelo, nokhathalayo ngeentswelo zethu ezisisiseko. Zisinika ingqiniseko yokuba uThixo ukhathala ngokunzulu ngathi.

Funda: Hebhere 3:19; 4:1–3; noMateyu 13:58. Zisixelela ntoni ezi ndima ngesidingo sokholo?

Maninzi kakhulu amadinga kaThixo eBhayibhileni, kwaye xa sisithi ngokholo siwabange amadinga eLizwi likaThixo siwakholelwe kuba uKristu ethembisile, iintsikelelo zawo loo madinga ziba zezethu. Kukungabikho kokholo okubeka umda ekuzalisekeni kwamadinga kaThixo ebomini bethu. Thandazelani ukuba kule veki uThixo anikhokele kumntu odinga amadinga azele lithemba afunyanwa eLizwini laKhe.

Ukwabelana NgeLizwi

Iindaba ezilungileyo zezokwabelana. Cinga ngamaxesha ebomini bakho owawunochulumanco ngeendaba ezilungileyo. Inokuba yimini owawugana kuba uza kutshata, ukuzalwa komntwana, umsebenzi omtsha, okanye ukuthenga imoto entsha okanye indlu. Wawuvuye kangangokuba kwabanzima nokulinda uzokuthetha ngalo. Kuyamangalisa ukwabelana ngovuyo lwethu nabanye, kodwa ezona ndaba zintle kakhulu kwiyunivesi yonke libali likaYesu. Xa sifumana iimbono ezintsha eLizwini laKhe ngosindiso olukhoyo kuKristu, iintliziyo zethu ziphuphuma luvuyo, size singe singaxelela omnye. Xa amagunya enkolo ayezama ukubayekisa ukushumayela abapostile, uPetros waya wathi, "Kuba singenako thina ukuthi singazithethi izinto esazibonayo, esazivayo" (IZenzo 4:20).

"Ngako nje ukuba umntu aguquke, kubakho umnqweno entliziyweni yakhe, wokunga angaxelela abanye ngoYesu, umhlobo wakhe wodidi; isuka le nyaniso imsindisileyo yaza yamngcwalisa ingakwazi ukuvaleleka entliziyweni yakhe. Ukuba sambathiswe ngobulungisa baKhe saza sazaliswa luvuyo lukaMoya waKhe ohleli ngaphakathi, asiyi kukwazi ukuthula."—Ellen G. White, *Amanyathelo Okuya KuKristu*, p. 78. KwabaseRoma 1:14–16, uPawulos wabhala wathi: "KumaGrike nakumabharibhari, kwizilumko kwanakwabaswele ukuqonda, ndimelwe kukushumayela. Ngokunjalo okukokwam ndingxamele ukuzishumayela iindaba ezilungileyo nakuni baseRoma. Kuba andinazintloni ngazo iindaba ezilungileyo zikaKristu; kuba zingamandla kaThixo okusindisa bonke abakholwayo, umYuda kuqala, kwanomGrike." Umpostile uPawulos akazange adinwe kukulibalisa ibali lokuguquka kwakhe. Intliziyo yakhe yayiphuphuma luvuyo kuYesu. Kuye, iindaba ezilungileyo zazizezokwabelana, ngoko ke engenakuze athule.

Ithini imithetho-siseko ephililileyo engokwabelana ngeLizwi likaThixo esiyinikwa kuIsaya 50:4, Intshumayeli 3:1, naku-2 Timoti 4:2?

_____

_____

_____

Xa sinikela ubomi bethu kuKristu nomsebenzi waKhe, uya kusivulela iingcango zethuba ukuba "sithethe ilizwi ngexesha" okanye ngexesha elilungileyo kwabo bantliziyo zabo athe wazivula. Kuko konke ukungqina kwethu, kufuneka sigcine engqondweni imithetho-siseko yeBhayibhile emithathu: esikuthethayo, indlela esiyithetha ngayo, nokuba siyithetha nini.

Ngoobani abantu oye uqhagamshelane nabo, kwaye ungenza njani ukuze ungqine ngcono kubo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, "Ukumazi UThixo," amaph. 87–91, kuAmanyathelo okuya KuKristu; "Bible Readings With Families," pp. 192–193, in *Gospel Workers;* and "Bible Work Techniques," pp. 481–486, in *Evangelism*. UThixo uyasebenza ezintliziyweni ezisijikelezileyo. Ukuba singanengqiqo yasemoyeni yokubona apho uThixo sele esebenza khona, siya kuthi rhoqo sibona amathuba okwabelana ngelizwi laKhe nabanye. Njengoko uThixo elungisa umhlaba wentliziyo, sinethuba lokuhlwayela imbewu yegospile. UMoya Oyingcwele walungisa intliziyo kaNikodemo, yentokazi equleni, yomfazi owayenethombo legazi, isela emnqamlezweni, umthetheli-khulu waseRoma, nabanye abaninzi ukuba bamkele ilizwi laKhe kwangaphambi kokuba uYesu ahlangane nabo. Ngeemeko zobomi babo noluvo lukaMoya Oyingcwele, bakulungela ukusamkela isigidimi sikaKristu. Sinokuba nako ukuthandabuza kwemvelo ukucela abantu ukuba singathandaza na nabo, belane ngesithembiso seBhayibhile, okanye sibanike iphetshana lokufunda. Amaxesha amaninzi xa siziva sinoluvo lokuthetha ngokholo lwethu komnye umntu, kusukuba uMoya Oyingcwele sele esixelele ngaphakathi kwethu ukuba sele esebenzile kuloo mntu ukuba akwamkele ukungqina kwethu.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ukuba ubani othile angeza kuwe eziva enobutyala obukhulu ngento ethile abe edinga ukuxolelwa nguThixo, siluleko sini ongasinika, izeziphi iindima zeBhayibhile ongabelana naye ngazo? Athini amava wakho ngobutyala namandla oxolelo lukaThixo ebomini bakho?

2. Ngamanye amaxesha uThixo uzisa abantu ebomini bethu kuba elangazelela ukuba bazi inyaniso yaKhe. Singakuva njani ukukhokela kukaThixo?

3. Gxila ngakumbi kumandla kaThixo neLizwi likaThixo njengoko lityhiliwe ebalini leNdalo nakwiNdalo ngokwayo.

Kunzima kwaukuyibamba imbono yeyunivesi ngokwayo kuba inkulu kakhulu kwaye ibanzi. Kuthi chatha kona ukucinga ukuba uThixo owayidalayo unokuba mkhulu ngaphezulu kunoko wakudalayo. Singakufumana njani ukonwaba ekwazini ukuba uThixo esimkhonzayo unamandla kakhulu kakhulu? Kanti akanelanga nje ukuba namandla, uyasithanda, kanjalo. Themba lini elikhulu esinokuba nalo ngokwazi ezi zinto ngoThixo? Lungasinceda njani olu lwazi ukuze singqine ngcono kwabanye ngaYe?